URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Alison February**
ICandelo eliyiNtloko loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi
Alison.February@westerncape.gov.za | 021 467 2683

Inombolo yefayili: 3/3/1/1/3
Isalathiso: 20230123-532

ISetyhula: 0004/2023
Umhla wokuphelelwa: 30 Septemba 2023

Iya: KumaSekela Balawuli Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, nakwiiNqununu

Isishwankathelo esifutshane: *IProgram i-Presidential Youth Employment Initiative-ISikhokelo sezeMali*

**ISihloko: I-*Presidential Youth Employment Initiative (PYEI):* ISikhokelo sezeMali seSigaba IV**

1. Le setyhula imele ukufundwa kunye neSetyhula 0017/2022 I-*PYEI Phase III -Isikhokelo sezemali*, yomhla we-07 Apreli 2022.

2. **Isitayiphendi esihlawulwayo**

   Isitayiphendi esiya kuhlawulwa kubo bonke abancedisi bezemfundo nabancedisi bezikolo jikelele kwiSigaba IV se-*PYEI* siya kuba yi-**R4 081,44** ngenyanga (nesingqinelaniswe nomvuzo ongowona usezantsi ngokomthetho omiselweyo), esiqala ngowe-01 Februwari 2023 yaye siphele ngowe-30 Septemba 2023. Ukongeza koku, iprojekthi iya kubonelela ngepesenti enye yentlawulo yomqeshi (*one percent employer contribution*), eya kuba yinxalenye yentlawulo eyenziwa ngomatshini eya kwisikolo sakho.

3. Intlawulo nganye eyenziwa ngomatshini ngenyanga yomncedisi kwisikolo sakho iya kuba yile ilandelayo:

| | |
|---|---|
| Isitayiphendi esisiseko | R 4 081,44 |
| + Intlawulo yomqeshwa eya kwi-UIF | R 40,81 |
| **= Isitayiphendi ekungaxhuzulwanga nto kuso esihlawulwa ngomatshini** | **R 4 122,25 ngenyanga** |


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

4. **I-*Unemployment Insurance Fund (UIF)***

Izikolo kufuneka ngokomthethо ukuba zibhalise kwi-*Unemployment Insurance Fund* (UIF) yaye zenze iintlawulo kwingxowa-mali yabancedisi abaqeshwe sisikolo. Izikolo zingalandela le linki ilandelayo ukuba kufuneka uncedo malunga nendlela yokubhalisa kwi-*UIF*, ukuba bezingekakwenzi oko: http://www.labour.aov.zafuif how to register-with-the-uif.

5. UMthetho i-*Unemployment Insurance Act*, 2001 (Act 63 of 2001) kunye ne-*Unemployment Insurance Contributions Act, 2002 (Act 4 of 2002*) isebenza kuzo zonke izikolo (ukulungiselela le njongo yale projekthi ezithathwa njengomqeshi) kunye nabancedisi. Zonke izikolo KUFUNEKA zihlawule isixa sentlawulo se-unemployment *insurance* ye-2% yexabiso lentlawulo yomncedisi ngamnye ngenyanga. Isikolo nomncedisi ngamnye banegalelo lentlawulo ye-1%. Isikolo (njengomqeshi) sinoxanduva lokuhlawula i-1% esiyitsalayo kubancedisi, kunye ne-1% njengoko ibonelelwe ngenkxaso-mali yeprojekthi yesahlulo somqeshi, kwi-*UIF* phambi komhla wesi-7 wenyanga nganye.

6. Apha ngezantsi kukho inkcazo yokwahlulwa kwemivuzo yabancedisi ukubonisa iimfuno ezimiselweyo ze-*UIF*. Umqeshwa ngamnye ke ngoko uya kufumana ingeniso ye-**R4 040,63** eyenziwe koku kulandelayo:

| | |
|---|---|
| Isitayiphendi esisiseko | R 4 081,44 |
| Intlawulo yomqeshwa eya kwi-UIF | R 40,81 |
| **Isitayiphendi kungekatsalwa nto** | **R 4 122,25** (isixa esihlawulwa kwisikolo sakhol) |

| | | |
|---|---|---|
| 2% etsalelwa i-UIF | (R81.62) | Esihlawulwa qho kwi-*UIF* ngenyanga |
| 1% intlawulo **yomqeshi** | (R40.81) | |
| 1% intlawulo **yomqeshwa** | (R40.81) | |
| **Isitayiphendi osifumanayo** | **R 4 040,63** | |

7. **Iintlawulo ezenziwa ngomatshini zesitayiphendi eziya kwisikolo sakho**

Iimali zesitayiphendi ziya kuhlawulwa ngomatshini qho ngenyanga kwisikolo sakho kusetyenziswa iintlawulo ezenziwa ngomatshini *(transfer payments)* yaye ziya kufumaneka kwii-akhawunti zebhanki zezikolo ngaphambi kosuku lokugqibela kwinyanga yekhalenda nganye. Ishedyuli ecetywayo yentlawulo eyenziwa ngomatshini yile ilandelayo:

| Intlawulo eyenziwa ngomatshini | Umhla wentlawulo yeSebe iWCED | Umhla wokwenziwa kwentlawulo kwi-akhawunti yebhanki yesikolo |
|---|---|---|
| Isitayiphendi sangoFebruwari 2023 | 17 Februwari 2023 | 22 Februwari 2023 |
| Isitayiphendi sangoMatshi 2023 | 24 Matshi 2023 | 29 Matshi 2023 |
| Isitayiphendi sango-Apreli 2023 | 21 Apreli 2023 | 26 Apreli 2023 |
| Isitayiphendi sangoMeyi 2023 | 26 Meyi 2023 | 31 Meyi 2023 |
| Isitayiphendi sangoJuni 2023 | 23 Juni 2023 | 28 Juni 2023 |

| | | |
|---|---|---|
| Isitayiphendi sangoJulayi 2023 | 21 Julayi 2023 | 26 Julayi 2023 |
| Isitayiphendi sango-Agasti 2023 | 25 Agasti 2023 | 30 Agasti 2023 |
| Isitayiphendi sangoSeptemba 2023 | 22 Septemba 2023 | 27 Septemba 2023 |

***Kucelwa niqaphele ukuba imihla esusela ku-Apreli ukuya kuSeptemba 2023 inokutshintsha ngokuxhomekeke kwishedyuli kaNondyebo wePhondo (Provincial Treasury).***

8. **Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini ukulungiselela ezinye iinjongo ezimalunga nale projekthi eziya kwisikolo sakho**

   Abancedisi baya kufumana i-R30,00 zeenyanga ezisibhozo kuphela (ukususela ngoFebruwari kude kube ngoSeptemba 2023), ukunxibelelana nabaqeqeshi nokugqiba iimvavanyo emva kweyure zesikolo. Esi sibonelelo sinokuhlawulwa kubancedisi kunye nestayiphendi sabo saqho ngenyanga.

9. Makuqinisekiswe ukuba bonke abancedisi bayakuvuma ukusifumana nasiphi na isibonelelo esisodwa sakanye qwaba. Iikhontrolishithi (*control sheets*) ezilolu hlobo zimele ukuxela injongo yesibonelelo sakanye qwaba, iinkcukacha zomncedisi ngamnye (igama, ifani, inombolo yesazisi (ID)) kunye nesignitsha njengobungqina bokuvuma ukufunyanwa kwesibonelelo. Inqununu imele ukukusayinela oko kwikhontrolishithi njengobungqina bokugqibela bokugunyazisa ukuba zenziwe iintlawulo zabancedisi.

10. Iintlawulo ezenziwa ngomatshini ezongezeleweyo zinokwenziwa kwisikolo sakho ukulungiselela ezinye iinjongo ngethuba lokuqhutywa kweprojekthi. Naziphi na iintlawulo ezilolu hlobo ziya kwaziswa ezikolweni ngaphambi kokuba kwenziwe intlawulo elolu hlobo.

11. **Iintlawulo zesitayiphendi ii-*Pro-rata stipend payments***

    Kubalulekile ukuqaphela ukuba nawuphi na umncedisi oqala enyangeni okanye olahlayo emsebenzini ngethuba lenyanga kuphela, ukufanele ukufumana isitayiphendi esingumlinganiselo welo thuba alisebenzileyo *(pro-rate stipend payment)*. I-ofisi yale projekthi iya kuphononongа idatha yokuqeshwa nokulahla emsebenzini kwabancedisi njengoko ifakwa qho ngenyanga kwi-*Data Management System (DMS)*. Kubalulekile ukuba izikolo zifake imihla yokuqeshwa nokulahla emsebenzini kwabancedisi ngokuchanekileyo nangexesha. Iinkqubo zeentlawulo zesitayiphendi zezikolo zisuselwa ngokumandla kumhla wokuqeshwa nokulahla emsebenzini njengoko ufakiwe kwikhompyutha zizikolo kwi-*DMS*.

12. Zonke iintlawulo ezingumlinganiselo welo thuba umqeshwa alisebenzileyo (*pro-rata payments)* zihlawulelwa iintsuku zekhalenda yaye ingezizo iintsuku zesikolo. Umzekelo ngulo: umncedisi olahlayo enkonzweni enyangeni, uya kufumana intlawulo engumlinganiselo welo thuba alisebenzileyo ngeentsuku zekhalenda azisebenzileyo ngenyanga yokulahla emsebenzini. Umncedisi onemvumelwano eqala ngomhla we-18 Agasti 2023, uya kufumana intlawulo yethuba alisebenzileyo ngo-Agasti yeentsuku zekhalenda eziyi-14 (18 Agasti ukuya kwi-31 Agasti 2023). Zonke iintlawulo zethuba elisetyenziweyo ziya kwenziwa ukususela ngethuba lokwenziwa kweentlawulo lokuqala elifumanekayo kwisikolo sakho (makufundwe umhlathi 7 apha ngentla ukwenzela imihla yeentlawulo ecwangcisiweyo). Izikolo zithwele uxanduva lokusebenzisa ezi ntlawulo zingumlinganiselo welo thuba lisetyenziweyo xa zihlawula abancedisi.

13. **Iireyithi zentlawulo ezingumlinganiselo welo thuba lisetyenziweyo emazisetyenziswe zibonisiwe apha ngezantsi:**

Iintlawulo zestayiphendi eziya kubancedisi zenziwe koku kulandelayo:

| Ngenyanga | Yonke imihla | Inkcazo |
|---|---|---|
| R4 081,44 | R134,18 | Isitayipendi somncedisi esihlawulwa kwisikolo |
| R40,81 | R 1,34 | Intlawulo yoMqeshi eya kwi-UIF ehlawulwa kwisikolo |
| **R4 122,25** | **R135,52** | **Isitayiphendi sisonke esihlawulwa kwisikolo** |

Iintlawulo zestayiphendi eziya kubancedisi zahlulwa ngolu hlobo lulandelayo:

| Ngenyanga | Yonke imihla | Inkcazo |
|---|---|---|
| R4 040,63 | R132,84 | Isitayiphendi esihlawulwa kumncedisi (Isixa emva kwetsaliweyo ye-*UIF)* |
| R40,81 | R1,34 | Intlawulo yoMqeshwa ye-*UIF* (etsalwe kwisitayiphendi somncedisi |
| R40,81 | R1,34 | Intlawulo yoMqeshi eya kwi-UIF njengoko ihlawulwa kwisikolo |
| **R4 122,25** | **R135,52** | **Isitayipendi sisonke esihlawulwa kwisikolo** |

Isikolo simele ukuqinisekisa ukuba siyazitsala iimali eziyimfuneko kwiintlawulo ezingumlinganiselo welo thuba lisetyenziweyo ngokunjalo njengoko kucacisiwe apha ngentla ukwenzela abancedisi abangekhoyo nokuba ngabaphi na abarekhodiweyo esikolweni (umzekelo ikhefu elingahlawulelwayo), ezingqinelaniswe neemeko zenkonzo yengqesho njengoko zimiselwe kwimvumelwano yezengqesho. Nayiphi na intlawulo engaphezu kwemfuneko (*over-payments*) okanye iimali ezigcinwe sisikolo zimele ukubuyiselwa kwiSebe iWCED zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe emva kwempela-nyanga nganye. Kucelwa kuthunyelwe nge-imeyili (umzekelo njengoko kuchaziwe kumhlathi 13 ngentla) ubungqina bentlawulo kwi-ofisi yeprojekthi.

<u>Iinkcukacha zokubhankisha zezi ntlawulo zezi zilandelayo:</u>
*Account name: Western Cape Education Department*
*Account no.: 1452 045 089*
*Universal code: 19 87 65 (Nedbank South Africa)*
*Branch name: Corporate Cape*
*Type of account: Current*

***Reference to use: "school EMIS no." PYEI IV (Example: 100000400 PYEI IV)***

14. Kukhunjuzwa izikolo kwakhona ukuba zizigcine zonke iirekhodi zezemali eziyimfuneko ukulungiselela iinjongo zokuphicothwa kweencwadi.

15. Iya kupapashelwa zonke izikolo imbalelwano engaphezulu emalunga nezemali njengoko kuyimfuneko, neya kunika ingcaciso neengcebiso ngalo lonke ithuba lokuqhutywa kweprojekthi.

16. Uxwebhu i-*Memorandum of Understanding for Phase IV* (**Annexure A**) lwathunyelwa nge-imeyili kubaququzeleli bezithili ngowe-29 Novemba 2022, nolucacisa imvumelwano ekungenwe kuyo phakathi kweSebe i-*WCED* nesikolo ngasinye nomalusayinwe sisikolo, yaye lubuyiselwe kwi-ofisi yesithili ungadlulanga owe-31 Januwari 2023 ukuvumela nayiphi na imali ye-*PYEI Phase IV* evunywayo ukuba ikhutshelwe nasiphi na isikolo.

17. Sinqwenela ukunibulela kwakhona ngomsebenzi wenu onzima nangenkxaso yenu ukususela ekuqalisweni kwale projekthi ye-*PYEI* yaye sithembisa ngokuzibophelela ngokuqhubekekayo ukusebenzisana nesikolo sakho ukuqinisekisa ukuba yimpumelelo kweSigaba IV esikolweni sakho.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-02-09